

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Ukuqwelasela isityalo sakho kungayigcina imali

KWAKUBA KUGQITYIWE UKULIMA KUBAKHO UMOYA WESIQABU KANTI KANINZI ABALIMI BAYADINWA NGENXA YEEYURE EZINDE ZOKUSEBENZA NENKXA-LABO. KUYAHENDA UKUPHUMLA NOKWANELISE-KA NGOKUTHI UGQITYIWE UMSEBENZI WEXESHA LOKULIMA – KODWA AKUNJALO.

Ukugcina isityalo sombona wakho sikhula kakuhle kulo lonke ixesa lokulima kungangumngeni, ngoko ke kubalulekile ukuba nesicwangciso samanyathelo esicacileyo.

Ukuze kuthinteleke umoya wokulawula ingxaki eseyimaxongo' nangelihi ixesa lokukhula kwesityalo:

- Yiba khona.
- Khuthazeka.
- Yiba neliso elibukhali.

Jenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imyili apha jennymathews@grainsa.co.za



- Yiba nolwazi.
 - Yinqande ingekenzeki ingxaki.
 - Yiba nothando olushushu.
- Kubalulekile **ukuhamba-hamba** rhoqo kuwo onke amasimi akho. Wahlole ngenkuthalo nangocoselelo amasimi akho. Ungacinga nangokuba nesiqhelo sohambo kwiveki nganye apho unqumama kuwo onke amasimi akho ukuze uhlole inkqubela nempilo yawo. Ukuqhuba ngokukhawuleza



AMAZWI AVELA... kuLiana Stroebel

KUNZIMA UKUKHOLELWA UKUBA UNYAKA OMTSHA SOWUHAMBE KANGAKA NJENGOKO KUVAKALA NGATHI IKRISIMESI IBIYIZOLO NJE! KUBONAKALA NGATHI IXESHA LITYIBILILA NGAPHEZU KWAMAXESHA ANGAPHAMBILI. IZIPHUMO ZEZICWANGCISO, AMANYATHELO NEZIGQIBO ZAYIZOLO ZITYHILEKA KWANGOKO UKUZE SIKWAZI UKUKHAWULEZA SIBONE APHO SENZE IIMPАЗAMO KHONA OKANYE APHO SINGABUGQALANGA KHONA UBUCUKUBHEDE.

Ngokukhumbula oku, kunyanzelekile ukuba sijolise ingqalelo yethu kwisipumo sasekuggibeleni kuyo yonke into esiyenzela izicwangciso nesiienza namhlanje. Ukuba usika ikona enye encinane namhlanje, iya kubuyela kuwe msinyane kunokuba ubuyilindele.

Njengoko usazi, emsebenzini wokufama, asinakukugxinina ngaphezu kwemfuneko ukubaluleka kokubamba ixesha. Kubaluleke kakhulu ukuba nengqiqo ehluzekileyo ngendlela yokumisela amaxesha okwenza amanyathelo anako ukwenzeka. Umzekelo, ungasebenza ngokubuya umva ukususela kumhla wakho wokuhwayela. Kulunge kakhulu ukumisela imihla ethe nqo yaxa kudingeka ukuba wenze okuthile – ukususela ekufakeni ikalika ukuya ekulungiseni izixhobo ukuba zilunglele ukusebenza, ukuthenga iimveliso zamalungiselelo njalo njalo.

Ngokuya ufumana amava, uya kufunda kananjalo ukwenza iziggibo ezinzima ngokukhawuleza – umzekelo, ukuba akunamandla okuthenga zonke iimveliso zamalungiselelo ezifunekayo, kubhetete ulime iihektare ezinganeno ukuze zanele kakuhle izinto ofanele ukuzifaka, kunokuba usebenze ngeemveliso zamalungiselelo ezinganelanga. Kwakhona, ukuba mhlawumbi ufumana inkxasomali kodwa efika emva kwexesha, kubhetete ungabi sahlwayela okanye uhlwayele kwindawo encinane, ugcine iimveliso zamalungiselelo zakho ude ufumane ithuba elilungileyo lokutyalu kwixeshesha elilandelayo lokulima.

Ukuze kubekho inkqubela, sifanele siyazi imingeni esijongene nayo kulo lonke ixesha lokulima. Thembe ka kwaye ungaizisizeli. Zihlalutye izinto futhi uziqapheli ezo onqwenela ukuzenza ngendlela eyahlukileyo uze uzisezbenzise njengesikhokelo ukuze uphucule imigaqo osebenza ngayo kunyaoka olandelayo. Ungaze wenze impazamo enye kabini.

Ndininqwenelela okuhle kodwa kweli xesha lokulima futhi maze nixhobe ngolwazi nicingele phambili! ■

Ukuqwalasela isityalo sakho...

ukrobe ngefesitile yeveni akuthethi ukuba ubukhona emasimini. Misa inqwelo ukuze **uhhole amasimi**. Hamba phakathi kwemiqolo, goba ukuze uhole umhlabo, iingcambu zezityalo kunya namaggabi. Ziqwalasele kufutshane izityalo ukuze ubone iimpawu ezixhalabisayo okanye ubukho bakhe nawuphi ubhubhane okanye izinambuzane ezonakalisa izityalo.

Uyazi njani into ofanele ukuyiqwalasela? **Fumana iinkcukacha**. Theta nabacebisi, iingcaphephe kunya nabamelwane. Funda ngamabanga okukhula ezityalo ozilimayo; funda banzi ngokhula oluxaphakileyo, izinambuzane ezonakalisa izityalo kunya nezibetho zengingqi yakho.

Wakuba sowunolwazi olubanzi ngezi ngozi ezinokuchaphazelisa izityalo zakho, udinga **ukuzixhobisa ngolwazi** negeyona ndlela incomekayo yoku-zilawula. Udinga ukwazi ukuba kukweliphi ibanga lokupuhlu kwestiyalo sakho aphi zibonakala ziya kuba yingozi kakhulu kwisivuno, ngoko ke uya kuba nolwazi lokuba uyilawula nini ingxaki.

Okusentloko ekutshatalalisweni kwale mibandela koku: **Yinqande ingekehli ingxaki futhi ulwe nengxaki nganye ngokokuvela kwa-zo**. Kubalulekile ukulilawula kakuhle ixesha lakkhu futhi ube nolwazi oluphangaleleyo. Kubalulekile ukugqalisela ingqalelo yakho ekuhlangabezeni ingxaki ngendlela encomekayo kwaye uwuqoshelise umsebenzi ukuze amandla omngcipheko kwisityalo sakho alawuleke kakuhle kangangoko kunokwenzeka.

Unqanda ingxaki ingekenzeki kuthetha ukuba sowuzilungisile kwaye ubuzilondoloza izixhobo onokuzidingela ulawulo lweengxaki ezifana nezitsizhi zehapulusaka kunya nezitsizhi ezoluliweyo. Kuthetha ukuba uyifundile indlela yokwenza imilinganiselo kvisixhobo sakho sokutshiza ukuze ufumane usasazo oluchanekileyo lwamathontsi ekhemikhali ngezixhobo ezi-lungele ukhuselo ezifumaneka kubasebenzi bakho basefama.

Khumbula ukuba udinga ukusebenzisa amanzi acocekileyo okuxuba kwisitsizhi sakho kwaye kufuneka uqiniseke kangangoko ngamathamo oza kuwasebenzisa – ithamo elingachanekanga lingabangela intlekele kwisityalo sakho! Okubaluleke ngokufanayo, ufanele wazi ukuba ingaba imbewu yakho iyilungele na iroundup okanye akunjalo – zininzi kakhulu izityalo ezi-bulewe kukusebenzisa isitsizhi seRoundup kwizityalo ezingezozeRoundup. Konke oku kunokuthinteleka.

ULAWULO NOKUQWALASELA ISITYALO SAKHO

Isithetho esithi, ‘Uthintelo lubhetele kunonyango,’ siso ekufuneka siphile ngaso. Nangona kunjalo, zikhona izinto ezenzeka singakhange sizicingele kwangaphambili, umzekelo ugqabhuko lokuWa kweMikhosi yeMibungu eyaqala ukubonakala eMzantsi Afrika ngowama-2016. Abalimi abaphumelelo ukululawula ngempumelelo olu ggabhuko ngabo **bebekukhuthalele ukuqwalasela amasimi abo** baze baluchonga kwangoko ugqabhuko.

Uqwalaselo luyinxenyenye ebalulekileyo yokuthomalalisa naluphi ugqabhuko olunokwenzeka. Nokuba konke kubukeka kukuhle kwaye kusempilweni, yiba soloke ubek’ iliso rhoqo njengoko izinto zipuhlu ngokukhawuleza. Sikhe saqhuba emasimini kufuphi nekhaya lethu ngeyne imini. Khawufane ucinge indlela esasimangaliswe ngayo kububona umonakalo wesiphango kwizityalo ezelulula – sasingazi nokuba kukhe kwakho isiphango! Sikhawuleze safumana ingcaphephe eza kuhlola umonakalo, kodwa sifumanise ukuba akukho nto ixhalabisayo ngaso.

Okubalulekileyo okufanele ukukhunjulwa xa kukho intlekele, kukuba ukutatazela nokudyuduzela akuzange kwasombulula zingxaki. Zininzi izisombululo ezifumaneka kubalimi kule mihiha:

- Yichonge ngokuchanekileyo ingxaki. Ukuba akuqinisekanga, kubhetete ufone icebiso kwiingcaphephe ezithembekileyo. Ngenxa yobukho bobuchwepheshe banambla nofikelo kwi-intanethi kuya ngokuba lula noko ukuchonga izifo nezinambuzane ezonakalisa izityalo njalo njalo.
- Hlalutya ubungakanani bomonakalo okanye bohlaselo. Ukuba unabo ubuchule bokuhlolak isityalo sakho ngoko ke ufanele ukukhawuleza uyibone ingxaki isakwazi ukulawuleka.



Umbona oselula uhlaselwe yiklova efanele ukubulawa msinyane.

- Yiza necebo lamanyathelo. Kaninzi kuya kubakho uhlobelole oluthile lolawulo lweekhemikhali onokulusebenzisela ukusombulula ingxaki, kodwa ukusebenzisa imveliso echanekileyo kubalulekile. Zidibani nommeli wakho weekhemikhali ukuze ufumane iingcebiso kwaye uqiniseke ngokuyilandela ngokuchanekileyo inkqubo akunika yona.
- Gcina ugqaliselo lwakho, ungayilahli injongo yakho, ubeke iliso emsebenzini wakho. Khumbula ukuba ekugqibeleni uzama ukunciphisa ila-



Yona le ntsimi kwiveki esemva kokutshizwa ngekhemikhali yokhula.

hleko yemali enokubangelwa yilahleko kwisivuno xa ingxaki iyekwe ingalungiswanga. Ukuba isityalo sakho side kakhulu ukuze oko kukuthintele ukuba ungakwazi ukungena ngetrektara yesitshizi esoluliwego, kufuneka ujunge ezinye iindlela onokukhetha kuzo ezifana nokusebenzisa ikhontraktha enesitshizi esikwaziyo ukuphakamela phezelu okanye isitshizi sezityalo esitshizwa ngabaphezulu emoyeni ukuze umsebenzi wenzeke. Le ingxaki isenokubangela umonakalo omkhulu kunye nelahleko onokuqubisana nayo xa uyiye ka iqhubele phambili ingxaki.

Zigcine unohtando olushushu ngalo lonke ixesha lokulima. Malusoloko lungumthombo wokonwabela ukuhamba-hamba kuwo onke amasimi akho ukuze uqwälasele izityalo. Sikunqwenelela unyaka omhle kangangoko! ■

ICANDELO 2 | Khetha UMJELO WENTENGISO yesityalo sakho

ABALIMI BAFANELE UKUKHUMBULA UKUBA ISICWANGCISO-CEO SOKUTHENGISA ESIPHUMELAYO SIFUNA UKUZINIKELA KWISICWANGCISO SOKUTHENGISA ESIFANA SODWA, NGOKUSEKWA KWIZIDINGO ZOMNNINI WEFAMA. OKUBALULEKE KAKHULU MALUNGA NEMPUMELELO KUKUZIBANDAKANYA OKUNGАЗИBАНДЕЗИО KUYO YONKE IMIBA YENTENGISO, OKO KUKUQOKELA IINKCUKACHA NGENTENGISO, UKUHLALUTYA IZIQHELO ZENTENGISO, UKULUNGISA ISICWANGCISO NOKUQHUTYWA KWAMANYATHETO ESICWANGCISO.

Kwicandelo lokuqala lothotho lwemijelo yentengiso, sixoxe ngemijelo engqalileyo yentengiso abanokuyifumana abalimi. Ugqaliselo belukwintengiso ngotshintshiselwano obelungaqikelewanga. Kweli nqaku sijolisa kwintengiso ngotshintshiselwano obeluqikelelwano.

IHKONTRAKTHI NGOTSHINTSHISELWANO LWEENGQIKELELO ZESAFEX

Esi sicwangciso-cebo sibandakanya ukuzikhuela (iingqikelelo okanye okunokukhethwa) **Ukuzikhuela** sisihobo esisetyenziselwa ukunciphisa okanye ukurhoxisa umngcipheko wamaxabiso.

Ikhontrakthi yeengqikelelo lurhwebo IweSafex malunga nokunikelwa kweenkozo ngomhla wojikelelo. Ikhontrakthi ixela imveliso efanele ukunikelwa kunye nemimiselo nemiqathango yokunikelwa kwayo.

Okunokukhethwa yikhontrakthi aphi kukho khona iqela elinelungelo, kodwa ingelilo inyanzelo, ukuthenga okanye ukuthengisa umbona ngexesa ebelinekelelwae kwangaphambili nangeliphi ixesha kwithuba elixeliwego. Le khontrakthi okanye okukhethiwego kunika umthengi ilungelo kodwa ingelilo inyanzelo lokuqhuba ngekhontrakthi, ngelixa umthengisi wokukhethiwego enenyanzelo lokuthobela ikhontrakthi ukuba umnini wekhontrakthi uyafuna ukuqhuba ngayo.

Kukho iintloblo ezimbini ezicacileyo ezinokukhethwa, imigaqo enokukhethwa yokubeka nokumema:


- Umgao onokukhethwa wokubeka unika anokukhetha umthengi ilungelo lokuthengisa umbona.
- Umgao onokukhethwa unika umthengi ilungelo lokuthenga umbona.

Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqosho kuLimo, eGrain SA. Thumela i-imayili apha ikageng@grainsa.co.za



1

Uboniso weentengiso zemveliso.



Umhombo weenkukachacha: Mark A. Ethlen


IINDLEKO ZENTENGISO ZASE-SAFEX

Ikhontrakthi zeengqikelelo zinefuthe kumqukuqelo wemali eykheshi yomlimi. Malunga nekhontrakthi yeengqikelelo, umthengi okanye umthengisi ufanele ukuhlawula umda wasekuqaleni ofumana inkxasomali xa kusenzeka utshintshiselwano. Imida yomahluko ikwabhekiselele kwiikhontrakthi zeengqikelelo.

Ukuba ixabiso lekhontrakthi zeengqikelelo alingqinelani nendawo yakho, ufanele ukufaka idipozithi yomda womahluko ukuze ugcine indawo yakho. Ukuba amaxabiso ashenna nge-R20/ton kwindawo yakho, ufanele ukufaka idipozithi yemali kwiyyure ezingama-24. Malunga nemigaqo enokukhethwa kuyo, ufanele ukuhlawula iprimiyam, akukho mida yomahluko esebezena kwiikhontrakthi zemigaqo ekunokukhethwa kuyo.

Ukuba umlimi udibanisa ikhontrakthi yokuqhabela phambili kunye nekhontrakthi yokuzikhuela, iqumrhu elithenga kuye kugheleke ukuba lithwale uxanduva lomda wasekuqaleni kunye nomda womahluko. Emva koko uya kuba kwimeko aphi uya kuba nezixa kodwa ixabiso livaleleke.

lindleko zentengiso ziqluka iintlawulo zabaququzelela iintengiso, inzala, uthutho neendleko zokwenza umsebenzi. ■



UCWANGCISELO LWANGAPHAMBILI

ngumalathindlela wempumelelo

KWELI XESHA LONYAKA IGGITYIWE INKOLISO YAMANYATHELO OKULIMA MALUNGA NEZITYALO ZASE-HLOTYENI. NGOKU IZITYALO ZIYAKHULA KUZA KULANDELA UKUVUNA. UMTHWALO WOMSEBENZI EFAMA WETHILE NGOKO KE WENA MPHATHII QALISA NGOCWANGCISELO LWEXESHA LOKULIMA ELILANDELAYO.

Ucwangcisel o lwexesha lokulima elizayo maluqalise ngesakhono samasimi ahluka-hlukileyo ngokunjalo nento eyenziwe kwixesha lokulima langoku, yintoni esebezileyo, iyintoni engasebenzanga. Intsimi nganye idinga ukwenzelwa ucwangcisel o ngokwesityalo nango-kwesakhono, ngokunjalo nento ebulinywe entsimini. Quka nezithintelo zeekhemikhali zokhula kucwangcisel o lwakho.

Kubalulekile ukukwazi ukubala ukuba kuza kudingeka malini ukuze kufumanek e isityalo sonyaka ozayo. Oku kubaluleke kakhu kuba iinkasomali zifanele ukufumaneka phambi kokujala kwexesha lokulima ngoJulayi. Mayifumanek imali yokukrazula umhlab a, ukuthathwa kweesampulu zomhlab a nokufakwa kwekalika ngoJulayi.

UCWANGCISELO LOHLAHLOMALI OLUNOBUCUKUBHEDE LWESITYALO

Abalimi abaninzi bay a kuthi ucwangcisel o lwangaphambili alwenzeki, kodwa abalimi abaphumelelayo benza ngolu hlobo ngonyaka ngamnye. Basoloko beligcina ixesha kwaye bafumana ezona zivuno zibalaseleyo kanti kumaxesha amaninzi, bafumana ezona nzudo ziphezelu.

Benza njani? Bakholisa ukuzoba uhlahlomali olunobucukubhede lwesityalo kuqukw yonke into edingwa ekulinyweni kwsityalo. Abalimi abaphumelelayo benza iziqib o ngezicwangciso-cebo zokuthengisa ngokunjalo nangemiba yeenkcukacha zokoyisa imingcipheko ngokunjalo nokulawula ityala elikhoyo.

Kukho imigaqo abayisebenzisela ukubala iindleko zeemveliso za-malungiselelo. lindleko zembewu yombona zifumaniseka lula. Umlimi makazidibanise nomthengisi wakhe wembewu ukuze ngoncedo Iwakhe ulinywe umhlanganisela, kulinywe amanani athile ngehektare kude kubalwe neendleko.

lindleko zezechumiso

Kunzima ukubala iindleko zezechumiso, kodwa kuyenzeka. Umbutho weziChumiso weAfrika eseMzantsi (Fertiliser association of Southern Africa – FERTASA) uwapapasha rhoqo amanani okurhoxisa isichumiso

**Pietman Botha, umbhali
kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili
apha, pietmanbotha@gmail.com**



ngesityalo ngasinye. Amanani orhoxiso Iwezondlo zezityalo emboneni oyikhilogram ngetoni nganye yeenkozo aboniswa **kwiTheyibhile 1**.

Ngezi nkukacha zidibanise nommeli wakho wezichumiso uze ubale isichumiso esidingekayo kunye neendleko. Umhla wakutshanje weesampulu zemihlab a uya kunceda kakhu kwaye kungensiwa isibalo esichanekileyo noko. Malunga nekalika, umthetho wesiqhelo yiton e-1 ngehektare ngo-nyaka. Kananjalo, xoxa ngalo mba nommeli wakho wezichumiso.

likhemikhali zokhula nezezinambuzane

Inkubo yakho yekhemikhali zokhula nezezinambuzane iya kwahluka ngokohlobo lombona olinyiweyo. Xa kulinywa umhlanganisela wesicuku sofuzo IweRoundup Ready, inkubo iya kwahluka ukususela kumhlanganisela wesiqhelo. Xa sekwenziwe isiqqibo ngomhlanganisela, ummeli wakho weekhemikhali zokhula makatyelele intsimi yakho ukuze ngolwazi analo enze isiqqibo ngenqubo yekhemikhali zokhula nezezinambuzane. Ngoncedo Iwabo, abalimi bay a kufumana ulwazi oluluncedo malunga nokuba ziya kuba yimalini iindleko eziya kubakho zeekhemikhali zokhula nezezinambuzane.

Idizili nolondolozo

Idizili nemisebenzi yokukhanda nayo ingabalwa ngokuchanekileyo noko. Ngokomthetho oqhelekileyo malunga nemisebenzi yokulima eyaziwayo kusetyenziswa illitha ezingama-75 zedizili. Ukuba abalimi banamanani angawabo okusetyenziswa kwedizili, makusetyenziswe wona. Sebeniza ixabiso langoku lamafutha okubasel a, xa usenza njalo uya kuba kufupi kwiindleko zenene. Kusoloko kukho unxulumano phakathi kweendleko zedizili, ezokulungisa nezolondolozo. Ukuba abalimi basebenzisa iindleko zabo zamafutha okubasel a baze badibanise ne 10% eyongezelwayo ezo ndleko ziya kusondela kwiindleko zabo zokukhanda nezolondolozo ezidingekayo. Ezinye iindleko ezifana nokuzikhuela, i-inshorensi yekhontrakthi yokusebenza kunye nezinye iindleko ezifanele ukuqukwa.

Umda wesityalo uphelele

Umahluko phakathi kwengeniso neendleko ezabiwa ngqo kuthiwa ngumda wesityalo uphelele.

Itheyibhile 2 ngumzekelo wohlahlomali lwesityalo sombona. Inika isishwankathelo seendleko ezizezona zabelwa ngokungqalileyo. Abalimi bangakusebenzisa oku njengomzekelo wokubala iindleko zabo zombona ezipheleleyo kunye nomda wombona uphelele. Khumbula ukuba xa umda uphelele unganiki themba, ithuba lokuba isityalo singanika inzuzu, phantse alinakubakho. Phinda uphengulule iindleko ukuze ulunga-lungise apho kufuneka khona.

1

Amanani okurhoxisa kwezondlo zezityalo kwizivuno
ezahluka-hlukileyo ukwenzela ucwangcisel o.

Izondlo zezityalo	Ngetoni	Ngeetoni ezi-4	Ngeetoni ezi-6
I-nitrogen (N)	15 kg	60 kg	90 kg
I-phosphorus (P)	3 kg	12 kg	18 kg
I-potassium (K)	4 kg	16 kg	24 kg

UHLAHLOMALI LWENTSIMI YESITYALO		Ihektare elinyiwego		Isicwangciso sesivuno	
INGENISO NOKULINYWA KWEZITYALO					
Uhlobo Iwengeniso		Isivuno/ngehektare	Ixabiso/ngetoni	Ingeniso/ngehektare	Ingeniso iphelele
INGENISO IPHELELE – IINDELKO ZOKUTHENGISA					
IINDELKO EZINGQALILEYO					
lindleko zokuthile					
Imbewu	Ubekelelo	lindleko/ubekelelo	Isixa/ngehektare (ikg/ngeepete)	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Isichumiso	Ubekelelo	lindleko/ubekelelo	Isixa/ngehektare (ikg/ngelitha)	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Ikalka	Itoni yobekeloa	lindleko/ngetoni	litoni/ngehektare	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
likhemikhali zokhula	Ubekelelo	lindleko/ubekelelo	Isixa/ngehektare (ikg/ngeelitha)	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
likhemikhali zezinambuzane	Ubekelelo	lindleko/ubekelelo	Isixa/ihektare (ikg/ngeelitha)	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
I-inshorensi yeemveliso zamalungiselelo	Isivuno x ixabiso	i % esetyenzisiwego	lindleko ngokwe % yengeniso	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Ukuzikhuela ngamaxabiso		litoni/ngehektare ezikhuelweyo	lindleko/ngetoni/ezikhuelweyo	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Umsebenzi wekhontrakthi		lindleko/ngenyathelo	Amaxesha okwenza amanyathelo	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
I-inshorensi yesityalo	Isivuno x ixabiso	i % esetyenzisiwego	lindleko ngokwe % yengeniso	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Ukutshiza okwehla phezulu		lindleko/amanyathelo	Amaxesha okwenza amanyathelo (b)	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
lindleko zokomisa		litoni/ngehektare	lindleko/ngetoni	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
lindleko zokuthenga		litoni/ngehektare	lindleko/ngetoni	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Abasebenzi bamaxesha athile		lintsuku zomsebenzi/ngehektare	lindleko/ngosuku	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Ubekelelo neMpahla	Ubekelelo	lindleko/ngobekelelo	Isixa/ngehektare (ikg/ngeelitha)	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Uthutho		ikm/ngehektare	lindleko/ngekm	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
Amafutha okubaselaa		lindleko/ngelitha	lilitha/ngehektare	lindleko/ngehektare	lindleko ziphelele
lindleko zamafutha okubaselaa okusebenza kude kuhlwayelwe					
lindleko zamafutha okubaselaa okuhlwayela kude kuvunwe					
lindleko zamafutha okubaselaa okuvuna kude kube luthutho					
lindleko zamafutha okubaselaa ziphelele					
Imisebenzi yokukhanda				lindleko/ngehektare (d)	lindleko ziphelele
lindleko zokukhandela ukusebenza ukuya ekuhlwayeleni					
lindleko zokukhandela ukuhlwayela ukuya ekuvuneni					
lindleko zokukhandela ukuvuna nothutho					
lindleko zokukhanda ziphelele					
lindleko ezingqalileyo ziphelele					
Umda uphelele					



Ixabiso leenkozo elikhoyo, alisoloko lilixabiso lasekuggibeleni

AMAXABISO EENKOZO NEMBEWU YEOYILE ASASAZWA NGOKUBANZI KUBO BONKE ABALIMI BEENKOZO NABEMBEWU YEOYILE, NABAKWAFU MANA AMANYE AMAXABISO AFANA NEXABISO LASESANGWENI LEFAMA KUNYE NAMAXABISO ANGAQUKI SISELE. KUBALULEKILE UKUWAQONDA LA MAXABISO NOKUWAZI UMAHLUKO PHAKATHI KWAWO NGOKUNJALO BAKWAZI UKUBALA IXABISO ABAZA KULIFUMANA NGEENKOZO ZABO.

Ixabiso lokuqala elisasazwa yonke imihla lixabiso leSafex lombona okanye elemveliso kwiinyanga ezahluka-hlukileyo zokunikelwa kwmveliso. Okuqhelekileyo kukuba inyanga esikuyo yeyexabiso lemhla ngemihla lokuthengisa. Iinyanga zexesha elizayo zokunikelwa kokuthengiswayo, umzekelo inyanga kaMeyi, uJulayi noDisemba, ziya kuba ngamaxabiso exesha elizayo.

Iseti yesibini yamaxabiso lixabiso lasesangweni lefama. Eli lixabiso eliya kufunyanwa ngabalimi ngemveliso yabo efama. Iseti yesithathu yamaxabiso lixabiso elingaaku sisele. Ixabiso elingaaku sisele lixabiso leenkozo kwisisele. Ngokwekhontrakthi abalimi bakholis ukuifumana ixabiso elingaaku sisele sefula. Kukho umahluko omkhulu phakathi kwexabiso leSafex nelingaaku sisele sefula; kunye nemali esebehanki.

1 Umzekelo wendlela yokubala isiphumo semigaqo engafaniyo yokuthengisa.

Imigaqo engafaniyo yokuthengisa	Kuthengiswe kushishino lolimo (R/t)	Ixabiso lomthwalo wasefama (R/t)
Ixabiso leSafex (JULAYI 2021)	3 270	3 270
Ngaphandle komahluko wothutho	233	233
Ngaphandle komda wearhente	10	10
Ixabiso lasesangweni lefama	3 027	3 027
Ngaphandle kweendleko zomsebenzi wesisele	57	0
Ngaphandle kothutho oluya kwisisle	10	50
Ixabiso elingaaku sisele	2 960	2 977
Ngaphandle kweendleko zogcino @ R0,50/ngetoni/ngosuku	15	0
Ixabiso elishiye kayo leenkozo lomlimi	2 945	2 977

Pietman Botha, umbhalikiwiPula Imvula. Thumela i-imeyiliapha, pietmanbotha@gmail.com



IXABISO LE-SAFEX

Ixabiso leSafex lixabiso lokuthengisa iinkozo ezisiwa eRandfontein. Eli lixabiso lokuthengisa imveliso eliqua intengo nentengiso ngokunjalo nentengo nentengiso yemveliso.

Njengoko ummandla waseMzantsi Afrika wentengiso yeenkozo ukwazi ukuthenga nokuthengisa emazweni angaphandle, intengo nentengiso yemveliso yehlabathi ngokunjalo neqondo lotshintshiselwano Iweentlobo zemali nalo liya kuqukwu kumaxabiso eSafex emveliso yaseMzantsi Afrika.

Imida eyiyona iphezulu okanye iphantsi yamaxabiso emveliso ngamaxabiso olungelelwaniro lokuthenga nokuthengisa emazweni angaphandle. Njengoko ixabiso leSafex ilixabiso lentengiso ekhululekileyo malunga nemveliso esiwa eRandfontein lisetyenziswa njengesiseko sokubeka ixabiso lasesangweni lefama.

Kuqheleke ukuba kweli xabiso leSafex kuthatyathwe eloethutho nelo mda womthengisi ukuze kusale ixabiso leenkozo lasesangweni lefama. Ukuba le mveliso isiwa kwisisele kuya kubakho nezinye iindleko zokuyibenza nezothutho eziya kuthatyathwa.

Imigaqo yokuthengisa enokukhethwa

Abalimi banokulindela ukuhlawula iindleko zamashishini olimo ahluka-hlukileyo okulayisha nokuthula nezahluka ngokwamashishini. Abalimi basenokulindela ukuhlawula iindleko zokugcinwa kweenkozo zemihla ngemihla. Ezi ndleko ziya kwahluka phakathi kwamashishini kanti abalimi mabaqinisekise ukuba bayazazi kwaye bayaziqonda ezi ndleko. Amanye amashishini olimo aya kufuna intlawulo yeendleko zemihla ngemihla ukufikeleta kwiqondo elithile ukuze emva koko kubekho iindleko zonyaka ngamnye. Qinisekisa ukuba iinkozo zigcinwa kwithuba eliftshane kangangoko kugcino Iwentlawulo yemihla ngemihla. Yithuthele kwiikhontlakthi msinyane kangangoko.

Itheyibile 1 ingumzekelo wendlela yokuzibalela ixabiso elilelakho nokuthelekisa amaxabiso ahluka-hlukileyo.

Ngokusebeniza itheyibile 1 njengomzekelo, abalimi banokuvavanya imigaqo yokuthengisa enokukhethwa. Abalimi mabafumane iinkcukacha malunga nendawo yabo baze bathelekise imigaqo enokukhethwa eyahluka-hlukileyo. ■

UNXIBELELWANO OLULUNGILEYO yinxenye yenqubo yethu

UPHUHLISO LWABALIMI LUXHOMEKEKE KUNXIBELELWANO OLUGQIBELELEYO KANTI EGRAIN SA SISEBENZISA IQELA LAMAQONGA EENGXOXO AHLUKA-HLUKILEYO UKUSASAZA ULWAZI OLUNOKUGUQLA UBOMI BABANTU NAMANDLA ABO OKUPHILA. KUMANQAKU ETHUBA ELIDLULILEYO SIQWALASELE IZICWANGCISO-CEBO EZISENTLOKO ZONXIBELELWANO EZIFANA NAMAQELA OFUNDONZULU KUNYE NENKXASO YABALIMI NGABANYE. KULO MBANDELA SIJOLISA KUPAPASHO LWETHU OLUBALULEKILEYO.

Inkubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi iyafundisa, ipuhlise, kudluliselwe kwabanye izakhono zobuchule kwaye isoloko iqhuba ngokucebisa abalimi ngelixa iququzelela ukwakha imigaqo yothungelwano lwenkxaso phakathi kwabo. Nangona iofisi yethu enkuI isePitoli, siseke uzinzo kwimandla esentloko elima iinkozo efana neDundee, iKokstad, iLichtenburg, iLouwsburg, iMaclear, iMthatha, iNelspruit nePaarl.

Iqela lomsebenzi wethu lineengcali zolimo ezinamava nezinxibela nabalimi ngolwimi lwabo kwaye zinothando olushushu ngophuhliso lwabalimi olukhokelela kuzinzo nasempumelelwani. Siya kuncedisa nawuphi umlimi weenkozo onofikelelo emhlabeni nangoncedo lwe-mali oluyimfuneko, ofuna ukulimela usapho ukutya okanye ukwakha umsebenzi wokufama.

IMISEBENZI YETHU YAKUTSHANJE

Bekukho ingxakeko enkuI kwiiveki ezimbalwa njengoko ukuququzelza bekuifikelele encochoyini malunga nabalimi beenkozo zasehlotyen. Nangona bekwabaninzi abangasaxakekanga kangako kwixesha lolonwabo lwasehlotyen, iqela lethu esisebenza nalo lona lixakeke ngaphezu kwangaphambili!

Ukususela ngomhla we-14 kuDisemba ngo-2020 ukuya kowef-15 Janyuwari ngo-2021 sibambe **iintlanganiso ezingama-46 zamaqela ofundonzulu kumathuba otyelelo iweefama angama-72** kusiyiwa kwa-bo balimi bafumana inkxaso yabantu ngabanye kweli xesha lokulima.

Jenny Mathews, umbhalu kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jennymathews@grainsa.co.za



Injongo yethu kukuqinisekisa ukuba abalimi baxhotyisiwe ngamandla okulima izityalo ngokuchanekileyo ukuze bafumane ezona zivuno zihle zinokufumaneka futhi siqwalesela amasimi sikunye nabalimi, sinike iingcebiso malunga nolawulo lokhula, nangemilinganiselo yezitshizi ngokunjalo nokulungiswa koomatshini okudingekayo.

I-PULA IMVULA, UPAPASHO LWETHU OLUBALULEKILEYO

Kusenokukumangalisa ukuphinda waziswe ngemagazini yethu yePula Imvula nangona kungenzeka ukuba uphethe ikopi yayo ezandleni zakho. Ubusazi ukuba le magazini entle, emabala-bala yabuqala ubomi bayo njengeleta yeendaba ngenjongo yophuhliso lwanamalungu aseGrain SA abalimi beenkozo? Ngoku ifumaneka njengemagazini yoqweqw oluqinileyo, nenikelwa banzi kubalimi nakubadlali-zindima boshishino kweli lizwe liphelele, kanti ikwafumaneka ngolungiselelo olusabukhompyutha apha www.grainsa.co.za mhlawumbi kungaba linqaku elinye okanye lube lolwemagazini epheleleyo.

Le magazini ipapashwe ngeelwimi ezintlanu – kanti ngo-2020 iingqokelela zamanani osasazo lwayo nazi:

IsiNgesi	Sesotho	SeTswana	IsiZulu	IsiXhosa	Inani leekopi lilonke
1 915	1 691	997	4 997	6 432	16 032

Izihloko zamanqaku zabelwa ngokwenkxaso-mali yabaxhasi. Sifumene inkxaso ebonisa ububele eMaize Trust, eOPOT, nakwiWinter Cereals Trust kananjalo nakwamanye amashishini olimo azinikele kwicandelo lophuhliso lwabalimi.

**HELPING FARMERS
STAND AS TALL
AND PROUD AS
THEIR CROPS**



TM © Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2021 Corteva. 2021/CORP/PI/007DEV

PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS
Johan Smit ■ Louise Kunz ■ Elizma Myburgh
■ Joritha Hechter
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimu

ABAQUQUELELI BOPHULISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi
Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mertz
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier
EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel
ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi
Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

**IPULA IMVULA IFUMANEKA
NGEELWIMI EZILANDELAYO:**
isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.




Farmer Development Programme

Unxibelelwano olulungileyo...

Nantsi enye ingxelo evela kwabanye abalimi...

We are greatful to receive Pula Imvula catalogue because we are very much encouraged by this little book that has a lot of information that keep us going forward to reach our desire/goal of becoming a commercial farmer one day. The way we enjoying to read this book even other farmers ask for each and every month that when are the next one coming; because they are willing to know what's new on the upcoming one. So please keep on sending them to us because they are of a great help. It is developing us as farmers; guiding us on how to plant and protect of plants in a right way.

Thank you very much.



Pula Imvula

This book called Imvula Pula it helps us a lot because it teaches us how to follow the correct production practices and encourage us by showing us farmers who are participating on the GSA Farmer of the year competition. I would like to take this opportunity to thank GSA for donating to us the maize Shellers. Another important point is that through Imvula we could see how other farmers in other areas of SA are doing their farming businesses we even see them having their produce which they have harvested on their arable lands.

Kungani imagazini ingumjelo obaluleke kangaka wonxibelelwano?

Injongo yophuhliso kukwandidsa inxaxheba kupphuhliso kune nokwazisa, ukukhuthaza nokuqequesha amanani asemaphandleni kumgangatho womndilili. Zininzi izithintelo kumba wophuhliso kanti namathuba okudlulisa ulwazi awanelanga xa umntu exhomekeke kuphela kumagosa ophuhliso ekubeni afikelele ebantwini abaninzi abanokufumana uncedo kwiiinkcukacha ezidluliselwa kwabanye, ezichanekileyo neziluncedo ngokunjalo nezakhono zobuchule. Imingeni yofikelelo neyothutho yimibandela enothintelo oluxhalabisayo kubalimi basemaphandleni, ngoko ke **sifunde ukuba uphuhliso Iwasemaphandleni uncomeka ngenene luxhomekeke kakhulu kusasazo olunokupapashwa banzi ngakumbi**, njengerediyu nemijelo yoshicilelo.

Sineqhaya ngopapasho lwethu

- Imagazini yetu itsala umda, imabala-bala, ilupapasho olungqaliswakumacandelo athile kanti oko kuthandwa kakhulu ngabalimi abathi bafumana iinkcukacha eziluncedo ixesa liselihi, futhi kulula ukuziqonda.
- Ilungiselelo oluneenkukacha ezithembekileyo kumqulu wezixhobo zamagosa ophuhliso nowabacebisi kwaye bawusebenzisa iingxoxo zamaqela ofundonzulu okanye ukuthumela abalimi kuwo ukuze bafumane iinkcukacha ezithile.
- Amanqaku alunga-lungiselelwu uphuhliso lwabali mi beenkozo ngendlela ethile. Izihloko zibandakanya imibandela emininzi yokulima nokuthengisa ngokunjalo nezinye iinkcukacha eziquka okwahluka-hlukileyo nokuluncedo ekuxhobiseni nasekuphuculeni izakhono zabalimi.
- Injongo kukuqinisekisa owona msebenzi uncomekayo, iinkcukacha ezifanelekileyo zidlu-liselwe kwabanye ixesa liselihi futhi zifumanek lula ngokunjalo lwahlulelane uluntu olusaphuhlayo ekufameni ngeenkozo.
- Sisiphakamisa kakhulu 'isolulo phakathi komlimi-nomlimi'. Ukuba sinokufundisa umlimi omnye onokwabela abalishumi nangaphezulu olo lwazi luxabisekileyo, uthungelwano lwandisiwe kwaye ukudluliselwa kolwazi kwabanye luyaxheshwa.
- 'Umba wolwazi nowokuza nezinto ezintsha isentloko kwindima yokuncedisa abalimi noluntu Iwasemaphandleni ekuhlangabezeni imingeni yanamhla neyangomso'. (European Commission, 2019).



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST